## KWABAZA KUTSHATA

KANIPOS'AMEHLO APA!

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

PASCOE (kwa " FOLOKOCO,")




Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kuso, ukuba iko.

ITYALI ZETU—UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali:—PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.

## GIBBERD & BRYANT,
### KING WILLIAMS TOWN.

Imicako Yelokwe Zesitofu Emitsha, 4d, 6d, 7 ½ d, 9d 10 ½ d, 1s., ngo yadi.
Ikeshmiya Emnyama, ebungqingqwa bupindiweyo, 9d iyadi.
I Satin e Brokedi Yokutshata 1'6-, 2/-, 2/6-, nge yadi
I Satin Zokutshata, 1/-, 1/6- nge yadi.
Ilokwe Zokutshata. Iminqwazi Yokutshata.
I Satin e Brokedi Yelokwe Zokutshintsha.
Ityali Ezinamagqabi-
Ityali Ezimabala Mabini.
Iprinti ezibu Keshmiya, ezilungileyo kanye, 6d iyadi.

YONKE Impahla YOKUTSHATA
iko apa.

## GIBBERD & BRYANT.


"THE AFRICAN and AMERICAN WORKING MEN'S UNION"

AYAMENYWA bonke abantu abanqwenela ukuba ngaba Bambi Bezahlulo (Sharebolders) kolu Manyano lukankanyiweyo ngentla.

Izahlulo (shares) zingafunyanwa ngeponti sisinye (£1 per share). Inani Lezahlulo (shares) elifunekayo ngamawaka amahlanu (5,000), yi Ponti Sisinye Isahlulo (share) ukwenza imali efunekayo engamawaka amahlanu eponti (£5,000), ukumisa indawo zama Shishini e Colony ; ngomgqaliselo wokwenza nokupakamisa inkutalo kwelilizwe, njalo.njalo. *Kufunwa abantu Abantsundu kupela.*

Bonke abafuna Izahlulo (shares) kule Nkomponi, bangazifumana ngokutumela i Post Office Orders eziya kuhlaulwa ku Mr. MOSES D. FOLEY, Port Elizabeth. Wonke umntu Obamba Isahlulo (Shareholder) wotunyelwa Ipepa (Shareholder's Form), kwakunye ne *receipt* yemali etunyelweyo,

QONDA.—Imali Zokungena (Entrance Fees) kule Nkomponi yi Sheleni Epontini (1/ to every pound). Ezimali (fees) zenzelwa ukuhlaula indleko. Izahlulo (shares) zinokufunyanwa kulenyanga u May kude kube lusuku lokugqibela ku November, 1891.

*Secretary* GEORGE A ROSS, *Trustee* MOSES D. FOLEY,


KOKSTAD ADVERTISEMENTS.

## V. DOLD AND CO.
## E KOKSTAD

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange GASH.
Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo akwuye kuvela kwa V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.

OLUKA

## Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka JUNE.

IXESHA lokutyala i Imiti ye Ziqamo, Fruit Shrubs, Roses. Idiliya, lilo eli, ngazwinye yonke imiti evutulukayo ebusika; i Strawberries, Rhubarb Roots, Horse Radish Roots, njalo-njalo, nazo lixesha lazo.

Abafuna. ukutenga bayakunjuzwa ukuba bangafumana kuti, ngapandle kwexabiso, Uluhlu Iwezityalo ze Rose ne Miti Yeziqamo yelixesha, kunye namaxabiso ayo, ekukwako namanqaku axela ngokulungiswa komhlaba nangokutyala.

HLWAYELA i Ertyisi, Imbotyi Ezibanzi, Amatswele, Lettuce, Radish, njalo-njalo.

I Pansy, Stock, Pinks, Snapdragon, Candytuft, nezinye intyantyambo ezilukuni zisenokutyalwa.

## W. & C GOWIE

GRAHAM'S TOWN.

*Telegraphic Address :*
" OATLANDS."


## ISAZISO.

UKUBA Inqwelo ka Xhelo wase Tywina, e Batenjini, kumandla wase Engcobo, eyayize kukandwa, esekudala igqityiwe, AYIKULULWANGA ibatalelwe ngu Mniniyo pakati kwesituba esi Veki Ntandatu kusukela kwi 1st MAY, 1891, kuye kwi 15th JUNE, 1891, Inqwelo leyo iya kutengiswa ihlaule indleko zonke. *Witness:* A. GONTSHI,
Agent pro. G. Bridger,
Esixonxweni, Ngqamakwe,
27th April, 1891

G. BRIDGER,
6t96 Umkandi we Nqwelo.

## ISAZISO.

UMR. R. W. ROSE INNES, Umteleli. Ematyaleni, njalo-njalo, usawuquba umsebenzi wake kwanjengokwangapambili. Ngumninawa wake, u Mr. C. Rose-lnnes, ongu Mteteli enkundleni yase Monti, E Ofisini yake e Qonce nanamhla usakunyamekele ukukangelela Imicimbi yaba Ntsundu ngononelelo lonke.

## IHOLIDE.

ISI KULA SENTOMBI sase Mgwali (ka Ngqika), siya kuvalwa ngeziholide ngo 10 JUNE, ise sibuye sivulwe ukuqala umsebenzi ngo 13 JULY.
2it46 M. W. HOPE.


## KWA KATA
## Kutengiswa
## Tshipu:
## ONGXAWU

ABA 2,000,

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),
Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa NGEHALAFU YEXABISO LAWO, (zitshipu).

## W. O. CARTER & CO.

Kingwilliamstown.

ELIKA

## ORSMOND
## IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zomiti yelilizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, . kuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izilo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwi sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zosi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele. namava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesisifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba ne ncwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

## G. E COOK

KING WILLIAM'S TOWN,
Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

## EDWARD T. JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R. W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETEI-MATYALA,

*Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-Magama Etaitile.*

## E-KOKSTAD


EAST GRIQUALAND.

## NATIVE RACE CLUB.

EDUTYWA ngomhla we 19th ka JUNE 10, ngum Dyaro wamahashe Abantsundu. Ofun' ukubalekisa ihashe worola ishumi lesheleni kwi Komiti yawo apa.

P. L MAMBA,
Hon. Secretary for N R C.
Idutywa, June 1, 1891. 2i116

## Iveki.

SEKE lawa ikepu e Johannesburg.

SELEKANGELWE ukufika u Rev. Dr. Stewart e Lovedale.

AKUKABIKO zindaba zibalulekile ngelase ma Mpondweni.

BANELE abantu abalahlekwe ngamahashe e Dikeni ngeziveki.

BAXELA ezengqakaqa e St. Lucia Bay, emantlan' elakwa Zulu.

KOKONA sitwele amehlo isifo zamahashe kumandla wase Bhofolo.

KUSAND' ukubulawa inkunzi ye nyati kwindada ezilunge ne Cawa.

EZOCINGO ezivela e Durban ziti ndade bo Mhlangaso ubulewe ngumbane.

KUBUYE kwana imvula ezinobom kweli ekuzeni kupela kwedlulileyo iveki.

IMVIWO ze Elementary zibe zingeveki egqitileyo, ziqale ngolwesi Ne, 28 May.

KUBANJWE umntu ekutiwa ngowasendle kwimiqolomba ekufupi ne Maritzburg e Natal.

NGU Mr. T. II. Harmer nonyaka owalatelwe ukuba yinkulu (Mayor) yomzi wase Qonce.

INKUMBI kuvakala ngoku ukuba zihlisa intlambo zama Bhobhotyana noma Nkazana. Kakade siyeza kweli.

IMANTYI yasa Komani u Mr. Garcia usayekupumla e Monti okwenyanga ezimbini. Ngu Mr. Gordon ombambeleyo.

NGENYE imini Inkumbi zibambezele itreni ngase Edenburg, e Free State, ngobuninzi bazo pezu komgaqo kaloliwe.

INENE elingu E. J. Wagner lase Rich, mond lizidubule ngase Strand, e Somerset West ngolwesi Hlanu lwengapaya.

KUVAKALISWE ukuba u Rev. W. M. Carter, M.A., obeko ese Hackney Wick Mishoni, umiselwe ekubeni ngu Bishop wakwa Zulu.

AMATYALA amakulu e Kapa agwebe ukuba abanamfanelo abenze ilunda lokumba idayimani kumhlaba ka Vesile kwele Dayimani.

KUTIWA lucingo kufo ikulu labantu kumabhenubhentsu oqwitela olunamandla olubhenqise kwintili ye Missouri ese Amerika.

KUXELWA e London ezokuraxwa ngumsi kwesihandiba esingu Lord Romilly, nezicaka ezibini zake xa bekusitsha indlu ; abapilanga.

AMAPOLISA ase Transvaal awele impi entsundu engena pasi ngenye imini apa e Pretoria, abamba amashumi amahlanu ana- ntatu.

INTOLONGO entsha yase Kimberley ifumaneka inganele ukubagcina ababanjwa abebekwendala.

NGO-MVULO egqitileyo u Miss Robinson intombi yomfundisi wase Paindana (Pinetown) e Natal, yeyele elwandle e Durban, ibikwindawo ezifikela kuyo inqanawa, kwapela.

IGOLIDE bati ifunyenwe kufupi nomzi oyi Prince Albert kwelipakati : bayapitizela abalunge nelo befuna ukuqonda ukuba iko ngokwaneleyo na.

U MR. G. SEYMOUR FORT obesisandla se Ruluneli usishiyile esosihlalo kuba engxamele kwelase Zambesi. Isabanjiswe u Mr. J. Smuts londawo.

IBHANTINTI apa elabaleka nelinye e Kapa nyakenye u Pringle libanjwe e Johannes, burg apo libeliselinexesha lihambisa ubutshijolo balo bokupanga.

KUBANJWE e Ngqushwa u Sam Kosi ngetyala lokuba wabulala inkwenkwana entsundu e Bhai ngo March owagqitayo. Upambi kwenkundla e Bhai siteta nje.

UMANYANO Iwabatengisi botywala e Kimberley lutumele abatunywa e Kapa ukuya kwenza amacebo okuqetula umteto omtsha wokungqumza intengiso yamanz' amlilo.

E TSHAYINA kuki intshukumo kubantu belo yokuba kugxotwe bonke abangefikulelwane zakona. Sekuko indlu zabafundisi ezibhushulisiweyo e Nankin. Lento iyanda.

INKOSI yela Buhlambeli ebesiti amapepa ibifihle ihashe ukuze idliwe £10 ngu *Montso is,* inkosi yama Moronkwini; asi *Montsioa* inkosi ebekekileyo nedumileyo ya Bahlambeli.

IMISE imiteto i Palamenta yase Natal ukuba nokuba umntu upumile emtelweni wabamnyama angabutengiselwa bona utywala. Umzi opumileyo emtetweni awunelisiwe yilonto.

IPEPA lase Mtata, i *Herald,* liti liva ukuba u Josiah Jenkins wasema Mpondweni uya funeka kumatyala ase Mount Frere ngetyala lokuba amahashe. Asinakuti linyanisile nokuti alinyanisile.

NGOKUTENGELA i netevu utywala oku kodwa, ibhastile elingu Isaac Fillise Vryburg linikwe inyanga ezintandatu ukuba alinakuzikulula nge £50. Umteto wotywala ubukali kwezinye indawo.

KUFIKE e Kapa indaba zokuqubisana kweqela lamapolisa amashumi matandatu e Komponi elaula e Zambesi nebuto lama Putukezi eliku 256 line netevu ezi 500, yakumbulana. Kutiwa oyiswa ama Putukezi ikufe kuwo isixenxe.

UMLUNGU ongu Ansell uzibulele ngo Mgqibelo ongapaya ngokuziposa pantsi kwe treni kufupi ne Durban, e Natal, yasuka kanye intloko emzimbeni. Incwadi efunyenwe engxoweni ixela ukuba ute wazilungi selela pambi kokuba akwenze oko.

UTE unyana omkulu wokumkani wase Russia, oyakuba yikumkani yelo esikundleni soyise, akuba ebehambele e Siberia, apo ababanjwa belo lakowabo basiwa kona, wanento eninzi ayincipisele amaxesha ngokuyixolela, esenzela isikhumbuzo sehambelo yake kwelo.

NGE Sabata engapaya ibiyi Anivesali ye zikolo zama Wesile antsundu ase Bhai. Intshumayelo zahanjiswa ngu Mr. Fred. P. Gladwin (u Gladile) wase Nyara. Imviwo zezikolo zihanjiswe ukumka komhla zonganyelwe ngu Mr. R. King, ozinike izikolo isipo sesiziba esiyakuba yintshinga yesikolo (banner).

U BISHOP wase Rini wamkelele kumabakala obufundisi nge Sabata engapaya amadodana aliqela : u Rev. Julian Gordon, M.A. wase Queenstown Rev. W. U. T. White, Rev, A. H. Du Pree Cass, B.A., kwelobu Pristi ;u Rev. A. L. Snell, B.A., (wase Aliwal North) no Rev. Garland Parnell (ozakuncedisa e Cathcart) Rev. John Durus, M.A. kwelobu Dikoni. Isiyalo siqutywe ngu Rev. E. Bodington wase Burghersdorp.

HANKEY.—Siyibone imvula apa (utsho um'bhaleli) ngo 16th May, ekubeni yayigqityelwe ngo February ukubonwa. Yakwandulela kakuhle ukuvulwa kwetyaliki entsha yalapa. —Ama Bhulu ise Gamtocs River, asichitile isikolo sase Wesile sosapo ebesisekwa apo. Emasibe isizekabani ise kwalolunyulo ludlulileyo. Ngati ikwa yi Tshatshi efun' ukuba nempumelelo ekumiseni izikolo zosapo kulomlambo, kuba na mhla iseka esesibini ngexeshana elingepi.— Ayaqala amadoda ngamanye apa ukuliqonda ixabiso lomhlala Kuko ambalwa aselengo notenga bomhlaba wokulima, apetwe zinto zo Jambela nezo Madlwabinga. Aye engena kanobom nasekutengeni iziza. Kakade yiyona nto inefa leyo. Ama Bhulu awakaya likabani. Aqalile nangokwaka ingxande ; selumi lulinde ukufulelwa oluka Mr. Jan Bell, unotenga wokuqala kwabohlanga, lolwezitena. Nantso ke into okade uyimemeza Mhleli. [Hoor, boor !—EDITOR]

Imvo Zabantsundu
NGOLWESI-NE, JUNE 4, 1891.

### *UTYESHO LOMZI*

AKUKO mzi ungazinoneleliyo imfanelo zawo njengomzi ontsundu. Ukuhlala oka kwawo ulindelo ukuba ukangelelwe amatuba ngabezinye intlanga Oku kunokunakanwa nangubanina akubhekisa ingqondo kwinto zombuso. Ungafika amawetu ejonge ukuni enyekwa ngabamhlope. Azi njengokuba sibona ukuba iyapusa nje lenkomo imhlope ayakuba yintonina amawetu ? Olutyesho luzibonakalise kwakona kutsha nje kwintlanganiso ebibizelwe pantsi-kwa-Mahlati kweziveki zigqitileyo yokuba umzi udibane nomnyulwa we Bandla le Palamente. Ukubonisa ukuba awuteni umzi, akuzanga mntu ngapandle ko Mr. NJIKELANA no Mr. TENGO JABAVU entlanganisweni. Asingebabaluli abakwa LOSE kuba ibimenyelwe pezu kwabo intlanganiso. Okutalalisa entweni zoluhlobo kunengozi ezinkulu. Akuniki nkutazo kubahlabeli bentlanganiso, abayakuti ngomso babe madolo anzima ukuhlaba umkhosi kuba umzi ulubetisa ngomoya zimemo. Mkulu umonakalo oyakusihlela xa sesingena ntlanganiso. Okunye xa kute kwaqondakala kubanyulwa ukuba umzi ufelwe luluvo ngohlobo lokuba ungaziyi intlanganiso, abasakupapamela ukuziza intlanganiso zetu; nangapezu koko abasakuba nankutalo yokusimela ezingxoxweni e Bandla. Siva ububi ngenxa yolutyafo luwungeneleyo umzi ekufuneka uvuswe ngemivalo ngamadoda asenoluvo. Ziwuhlazile umzi omele i Qonce intlanganiso ezimbini zokugqibela. Eyesibini yileya baye abapatiswa beziroro bebizelwe ukudibana no Mr. WILLIAM HAY pambi kokuba aye e Kapa; kuba kaloku naleyo ayinanzwanga. Siwubona umzi utyafa kwituba lokuba unqwenelwa ngomcimbi osazeke ufuna ukukangelwa ngeloxesha lawo; bangasebetelekelela abanengqondo into ebokuyakuba yiyo ukuba bebebizwa kungeko nto ibabhexeshayo.

## INDABA.

UMONGAMELI WE MFUNDO. BAKUTAKAZELA abantu bakuva ukuba u Mr. Sauer kwinteto ayenze e Stollenbosch uvakaliso ukuba u Rulumente uzimisolo ukumbongozi u Sir Langham Dale ukuba make anyamezele emsebenzini wake ixeshana elitilo, kubakungeko wumbi ongavela kwelinye ilizwe onako ukuyilungisela kakuhle ihambo yemfundo yelilizwe njengaye. Yinto ebesimise iuyawo kuyo kakade le; saye sitemba kanjako okokuba nanxa lide lafika ixesha. lokokuba makakululwe Umongameli wo Mfundo, kufakwe omnye, kofakwa kwakumadoda akweli atembekileyo ukuba aya kulondla lonke usapo lo Mntan'omhle ngapandle kwekwele, kunokuba kuputunywe umntu oya kufika mhlaimbi atsho zibhekise amanqundwana pezulu izinto.

ABANTSUNDU NOSELO. LAMANQAKU siwahlomla kwipepa lase Dayimani eliteta inyaniso ebihleli isaziwa ngumntu wonke. Siwatabata ngokuba avela kude. Nangake " Kwingxoxo engo Mteto lo wotywala upambi kwe Palamente, elinye lamanene abetetile, amaziyo kakuhle ontsundu nento ayiyo ngoselo, lite, liyazi ukuba kuko i Netevu ezibuzile mpela utywala; into kodwa Iona elonene elingazange liyibone yi Netevu esela bungcatu yakuba isela. Ke yiyo lonto kufuneka bona bebotshelelwe ngomteto ote tyi kunowabamhlope."

ISIZATU SENGCASO. ABALAULI belilizwe bebefanele ukuva into embi ngendawo yokuba ide ibe ngabelungu — ama Bhulu—ati eluchasile nje ubandakanyo lwela Bahlambeli kule Koloni kungesizatu sokuba kuyakutshatyalaliswa abantsundu belo ngotywala.

ABAPITIZELISI BOXOLO. YINTO embi kunene ukuba kubeko abantu peshe. ya kwe Nciba abamana bekatazana noxolo kwelo. Kambe kukuba inxalenye yabantu ingenolwa yinzuzo xa kuko imfazwe; esitemba okokuba amalinga abatanda lipitizele akasayikuba nampuinelelo. Ngoku aba bakatazi bebezama ukupazamisa ululamo nokubusa kuka Sigidi ku Rulumente. Babhale kwipepa lase Kapa i *Times.* Mayibe ikwangulo mbhali kwi veki ezimbalwa ezidluleyo obetumele kwelase Monti i *Dispatch,* indaba zokuba lonkosi inegqugula no Rili, ukuba kubeko imfazwe; obu buxoki bubangele okokuba kubeko umbhali otsho kwabamhlope, ebonisa isimilo sika Sigidi ngenx' engapambili, ukuba utyholwa ngamagqwira ngendawo abebekwa zona. Saye singazanga sazamkela tina kakade.

I PALAMENTE. UMSEBENZI weveki yokuqala ihleli i Palamente yelipetwe e Kapa walata ukuba lo Rulumenle mtsha owake umgudu kukuba mawungemi umsebenzi. Usuku ukuqala, olwesi *Bini* (26 May) lweveki egqitileyo, lube lolokungenisa izaziso ngengxoxo, kwanokubekwa kwencwadi zengxelo (Blue Book) ze ofisi nge ofisi zakumkulu U Mr. Laing ubekwe ngedinga ngu Mpatiswa-Koloui ukuba ngangoko kunokwenzeka ezingxelo zitunyelwe ngeposi kwa esesemakaya amalungu ukuze abe nokuzityisa. Ngolwesi *Tatu* (27 May) kupokele kwa izaziso ngemibuzo, onencasa kowakowetu ngumbuzo ka Tamplin, ilungu elitsha, obonakala selengene epela emsebenzini, ngemitshalo yase bubemvini anga kungahanjiswa icebo Lababpicoti Masiko Abantsundu ukuba lemitshato ibalelwe enanini lemitshato enge siko yase mlungwini, nokuba kubalelwe umfazi abemnye esikweni kwabezitembu. Wumbi umbuzo ngowe Nkanunu ngendleko yabatunywa kwela Bahlambeli o Mr Warren i o Mr. Botha neka Col. Griffith. Kubekwe ekokuqala pambi kwe Bandla Umteto ne Bhanki, owezi Kiti, owaba Bhaki bobisi, owama Bhantinti, nowohlobo lokuvota ka Mr. Orpen. Ngolwesi *Ne (28* May), kumiselwe i Komiti ze Bandla. Kubaluleke kwinto zanamhla umbuzo ka Pulusi (Mr. M. J. du Plessis) ngemihlaba ese Kamastone ukuba seyaqeshisa na nokuba imali engamatyala erente seyagqitywana ukuhlaulwa. Ngolwesi *Hlanu,* (29 May) ngapandle kwezaziso zemibuzo engetyulu, kupendulwe ngu Rulumeni imibuzo engedayimani yakwa Vesile, ukubhalwa kwemitshiso komkulu, irafu yempahla etengiswa e Lusutu, nangokuloba intlanzi. U Mr. Innes ungenise umteto wokuvelela ubusela, walela abate, ngi bempahla edingayo ukuba bafumane batenge bengazanelisanga ukuba lompahla ayibiwe na; kanjako umisela ukuba lidliwe ngapandle kokufakwa entolongweul isela. Umteto wama Banjwa (impato yawo) nowe Bhanki ukuhlolwa kwazo komkulu, utabate amabanga. Ngumsebenzi weveki ke lowo.

## Impawana.

Esibululekileyo isiqamo sotyelelo lwabavumi base Amerika yi Kwayile ekutiwa yeyama Afrika ekwanga kuncinane ukuhlatyelwa kwayo e Kimberley kanti iyakupelela ekuweleni, nyani-nyani. Ngezinye endlela siyavuya ukuva ukuba ama Afrika ase Amerika angenise impembelelo kumawabo akweli, ukuba asivuselele isipo anaso sokuvuma, Kwipepa lase Somerset East sifumana ukuba into ka Matunjwa, u Abram walowo mlibo, upemba i Kwayile yabantsundu bakona eseke yav??? kwizikolo ezibini ngokwamkelekileyo; kutiwa isekwa ngokwemigqaliselo yeyase Afrika i Kwayile. Nalapa e Qonce ulutsha lungati lute piti kufun' ukuvuma. Into eswelekileyo ngabapati abakabafumana ingqeqesho ekuvumeni. Banga bangade babafumane abona.

ulutsha ngalenteto : " Musani ukuyilata nje. Ukuba upelelwe ngumsebenzi yiyakudlala Ikrikiti nokuba yi fut bhol, uti ukuba akanakuya kudlala pandle ulese incwadi ezilungileyo, kodwa ngapezu konke ungawayazi. Ms' ukufumane uhlale utshaya inqawe ube udwekesha indebelefele naba ngenakuqonda, kodwa mayihlale inento esebenza yona ingqondo yako." Niboba niyeva nina batanda ukugcakamela !

Amahobe asand'ukwenza izimanga. U Mr. W. A. C. Morris wase Kimberley utumele isibini sezintaka e Johannesburg ukuze ngosuku lwe 20 May zikululwe zize kwa kuye zinencwadi engxamileyo. Okunene ke ngentsimbi yeshumi kusasa avulelwa, anyukela esibhakabhakeni kwaoko amahobe, incwadi itiwe gatya entanyeni. Agaleleke e Kimberley akukov' ukubeta u six kwalomini. Engabonisi kudinwa kukulu emva kolohambo lude. Emva kwalonto u Mr. Morris uti kukapukapu ukumisela iposi yamahobe pakati kwezondawo zombini.

Ukupangwa kwabantu kusaduma kwele golide, ngokukodwa pakati kwe Fordsburg ne Johannesburg, napakati kwe Jeppestown ne Johannesburg. Kusand'ukupangwa inene elitile elimiswe endleleni zihange, zalihluta £203 zela kwantsiza ; unanamhla.

Ngenye imini e Johannesburg kufunyenwe isidumbu sentokazi ekutiwa ngu Mrs. Wetzler, sesineveki ezimbini saba segumbini abelala kulo. Imbangi yokufa kwake ayaziwa kodwa akuko uranelwayo ngento leyo. Apo ummangaliso ukona kusekubeni anganakanwa ukuba selenabele incha umntu ixesha elide kangaka—nto ke leyo eyalata ukuba " qaqa elo liyazalusa " kwele goli. Ibe ngumsebenzi kukude ukumfihla.

Kwezelama Ngesi kubaliswa ngesihelegu sokususwa kwempumlo yenzwakazi yomlungu lixasoba apa lomfo okwamhlope abati ngu Charles Bell kumzi wase Birmingham ; lentokazi ibifudula ingumpati wendlu ka Bell lo. Kuti baqubisine emva koko ngokuhlwa, ati kuba ingavumi ukuteta naye, aseleyiti wole eyiluma empumlweni emke nayo ngomlomo, Ati amagqira bonakele ubuso bentokazi leyo ingu Isabella Williams bonke ubom bayo. Into engaqondakaliyo kukuba umenzi walento anikwe inyanga ezintandatu kupela.

Oti masibulawe ngotywala ubuqondile into obuyiyo. Amapepa abamhlope ati wande kangaka nje umzi ontsundu kukuba ungasenazo imfazwe obufudula ubanazo oko bebengekafiki kweli abelungu, amanye awafihli ngoku ati masincitshiswe ngotywala. Atsho kuba ewuqondile umsebenzi wabo ukuba babhubhisa ngokwemfazwe. Site buyiyo okwenene sakuva ibalile Bhastile eKapa elicolwe ngo Mgqibelo ongapaya kufupi ne ndlela yenqwelo yomlilo liroboke ukakayi, lapuke enye ingalo lidlivilike impumlo, oku likwenziwe yitreni elifumene lilele kufupi nendlela, mganyana ngezantsi kucolwe elinye liwe kwabutywala pezu komgaqo, kubonakele ukuba libe lingeko kuba ibihlalele ukugqita ngalondlela itreni.

## Ndinihlazisile na?

No 5.

Kwakanisinva emva kwale Sabata ndibalise ngayo kuvele indawo yokwahlula ngohlobo olude lwagqitiswa akucacisela umntu ongaba unendlebe zokuva. Wafika u Mr. Kayser lusondele usuku esasizakuba nomtendeleko ngalo, waza ke naye wabamisela aba ati bambizile ukuba abenzele kwalotyini. Yandikolisa kakulu lonto yokuba ibe mini nye imitendeleko, kuba tina sacinga ukuti namhla bayakuvela sibazi, silazi nenani labo ababantu bangenakuxelwa. Sayeke sisiti, naye woqonda ukuba inyanisile iramente ukuti ayimazi. Okunene lufikile usuku, kwaza kwabako amazwi amabini endiya kuwabeka pambi kwako mlesi. Elokuqala lelokuba kweliya qela ati u Mr. Kayser ufunwe lilo, *akubangako noko amnye umkokeli wale remente* yase Gillton. Kwafuneka ete pambi kokuze aqube umsabenzi wake wadala abakokeli abatsha. Nale ndoda (kubakokeli) ite emva koko yasishiya, itsalwa zindawo endobuya ndizivelele, isishiya yalenzayo elalomini: iqokela kwelokuba nangalomini salayo ukukupa iudlu, yayinati, yangomnye wabateta ngokushushu, ibonisa ukuba singaba siyaposisa ukunika indlu kumntu oza ngokubanga kungeko bani umaziyo. *Bonke* ke abapati msebenzi base Gillton, bahlala apo ndandikona, ngokuba besiti bazi mna.

Kekaloku malunga nabantu, nantsi into eyabakoyo. Kulendawo ndandikuyo sasingamashumi asitoba anabantu aba-

ibhulukwe zamadoda ze Flannel emhlope ziqalela kwi 7s. 6d. nge par.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Ibhatyi | >9 | Zelanga zelinene | 99 | 7s. inye. |
| Ibhulukwe | | 99 | 99 | 5s. nge par. |
| Ibhatyi | M | Zehlobo ze Holland | 99 | 4s. 6d. inye. |
| Ihempe | 9, | ze Tennis | 99 | 2s. inye. |
| Ihernpe | 99 | Ezimhlope | 99 | 3s. inye. |
| Ihempe | 99 | Zokusebenza | 99 | 1s. inye. |

ELIPEPA LIPUMA

NGOLWESI-NE

*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# Imvo Zabantsundu.

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingarolwanga.

Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

--o-----

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d, zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

(NATIVE OPINION.)

*Authorized medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JUNE 4, 1891. [Vol. X, No. 344

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENTS-

## DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemele bonke).

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE STOFU,—Intlobo-ntlobo—yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamaduda.
Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6/6 nge par.
Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, no Net ze Tennis ezisand' ukwamkelwa.

IMPAHLA YE BHOLA.

IBATI, IBHOLA, IZINTI,—EZONA ZITSHIPU E KOLONI,—ZININZI ZENZIWE NGABONA BENZI.

*GQALA,—I Club zitengiselwa ngamanani elungelo.*

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngesisa kozifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zezitofu ezitofotofo, ze Kodi.

Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,—Kungabekelwana ngako.

IVENKILE ETSHIPU E KOLONI

## DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

f2310

## BALIMI: KANGELANI APA!

IXESHA LOKUTYA LO 1891.

SINOVUYO olukulu ekwaziseni ukuba sizimisele ukutenga amanani amakulu, kususela kwingxowa enye kude kuye kuma waka amahlanu. xa isampulu zizezilungileyo, INGQOLOWA, IRASI, IMBEWU YEHABILE, UMBONA, AMAZIMBA, IMBOTYI, ITAPILE, njalo-njalo.

Ngamanani Apakamileyo ase Markeni NGE CASH

*Ipetshana elixela ubunzima namaxabiso, liya kunikwa umtengisi ngamnye.*

ISEBE LOKUTENGISELA

Kuya kusivuyisa kunene ukutabata umsebenzi wokutengisela nabanina INKUNI, IHABILE, UMBONA, okanye nantonina kwi Marike Yakusasa. Sokupa nomntu oyaziyo idolopu ukuhamba ne Nqwelo. Sibiza imalana encinane ngokutengisela umntu.

GILBERT FOX and SON,

MARKET SQUARE, KING WILLIAMS TOWN.

## WOODROW & HOWARD

BAFUNA ukwazisa izihlobo zabo Ezintsundu ukuba baqale ibhizinisi yokutetela Ifandesi (Auctioneers), njalo-njalo,

Ivenkile endala ka WHITLLE, baye beya kuvuyiswa kukufumana impahla yentlobo zonke, eya kutengiswa kwamsinyane ngalo mini ye fandesi.

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

J. W. GARRETT & CO.

IZITORA EZITSHIPU.

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU NGAMAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4/6 to *£2* inye.
I PRINTI ezi "best" ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4 ½ d. yard.
I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10 ½ d., I/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

BEAUCHAMP, BOOTH&CO.

E-QONCE, KING WILLIAMSTOWN.

AMAYEZA ,

## KA "SIKWA"

ANOKUFUNYANWA KUPELA

KWI ARENTE YAKE

U

ALWINUS BOCK,

E MARKET SQUARE, E QONCE.

## "THE ARCADE"

PEACOCK BROS. & WEIR,

NGOKU BANEMPAHLA ENINZI EKETIWEYO

Yabo BONKE Ubuqheleqhele

BAMANKAZANA.

IMPAHLA ZAMADODA,

IZIHLANGU,

I SHOES, njalo-njalo.

Lempahla ilungele Abantu Bonke, Amaxabiso Onke, Nendidi Zonke.

*NGOBUHLE NANGOKOMELELA AYINA KUDLULWA NAYIYIPINA*

Abo bangaba banento abayifunayo elunge nezi zinto zingentla boba baya zinceda ngokutyelelela

## "THE ARCADE,"

E KOMANI.

## Kubo Bonke Abalesa ' Imvo.'

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba benento abafuna uku zitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalilungelo nakubo bengayifihlanga lonto kubanini-venkile.

GRAHAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## BON MARCHE

E-RINI

Sineyona mpahla ininzi, nentle esi Xekweni apa.

ONKE AMAGUMBI ANEMPAHLA EKETIWEYO.

Ezona Printi zintle 4 ½ d ne 6d nge yadi. I Galatiya 6d ngeyadi. Ikeleko Emhlope ne Brown, iqalela kwi 2 ½ d nge yadi. Iflanele 3 ¾ d nge yadi-Ilinzi 4 1/2 ngeyadi. I Sunshades 1s inye. Ikwiliti 2s 11d inye. Itawuli 3d inye. I Cretomes 2 ¾ d ngo yadi.

IMPAHLA YAMADODA,

YONKE IYELUNGILEYO:

IBHULUKWE ZEKODI ziqalela kwi 4s 6d inye.
IBHATYI ZEKODI ziqalela kwi 10s 6d inye.
ISUTI ZETWIDI ziqalela kwi 14s 9d.
IHEMPE ZOKUSEBENZA ziqalela kwi 1s.
IHEMPE EZIMHLOPE 2s 11d.
IMINQWAZI iqalela kwi 2s 6d.
IKAUSI ziqalela kwi 4 ½ d nge pair.

## INDLU YAMANENEKAZI

*Yonke Impahla yabaza Kutshata iko.*

Ilokwe Esezitungiwe, nabo bonke Ubu qheleqhele bamankazana, bunokwenziwa nge xesha elifupi.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMSTOWN

flll290

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENT.



LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,



SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo yi ''EXTRA NAVY or MATTROSS.*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU. IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabobodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.